



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2013

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ama-6.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 ISICATSHULWA A

- 1.1.1 Yiveki yokuqala kuSeptemba.✓ (1)
- 1.1.2 Minyaka le.✓ (1)
- 1.1.3 Bathunyelwe ukuza kumela iingingqi zabo kwintlanganiso yePhondo yotyalo lwemithi.✓ (1)
- 1.1.4 NguMphathiswa wezoLimo nezeMihlaba.✓ (1)
- 1.1.5 'Olu ngcoliseko alwaneli nje ukonzakalisa impilo yabantu kuphela, luyiphazamisa kakhulu nemo yezulu.'✓ (1)
- 1.1.6 Sibe nezifuba, amehlo abuhlungu nomhlaza wemiphunga.✓ (1)
- 1.1.7 Kukuhlaselwa zizifo abantu bagule ngakumbi isifo sotyatyazo.✓✓ (2)
- 1.1.8 Kukusela amanzi kumlambo okufutshane namatyotyombe abo kanti kugqabhuke indawo yelindle✓/kukusela amanzi angcolileyo.✓ (1)
- 1.1.9 Kubalulekile kuba zithi zakugqabhuka zingayichaphazeli nganto impilo yethu sihlale sikhuselekile.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 1.1.10 Iindawo ezingenamithi azikhuselekanga loo nto idale umonakalo omkhulu wokukhukuliseka komhlaba, ukuwa kwezindlu.✓ Iindawo ezinemithi zikhuselekile kuba imithi iphula amandla omoya nemvula, kuwe yona endaweni yezindlu.✓ (2)
- 1.1.11 Izinto ebezingaphakathi endlwini zithe saa phantsi indlu idilikile.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 1.1.12 Yinyani.✓ Inqanda ukhukuliseko lomhlaba/iingcambu zemithi zenza ukuba umhlaba ungakhukuliseki.✓ (2)
- 1.1.13 Zizandyondyo zemvula.✓ (1)
- 1.1.14 Kukujikeleza zonke izikhululo zeli ekhokele amaphulo okutyalwa kwemithi yompayina.✓/ukucebisa abantu ngeendlela abanokuzikhusela ngayo kwizifo✓/ukufundisa abantu ngokubaluleka kokutyalwa kwemithi.✓ (1)

- 1.1.15 Imithi inegalelo kuqoqosho lweli lizwe kuba kwenziwa ngayo izixhobo zokwakha ezinje ngamaplanga, ifenitshala, izixhobo zokwakha, iipali.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 1.1.16 Ukuba abantu bazi ngokubaluleka kwemithi bayilime ukuze bakhuseleke kwimimoya neemvula ezinkulu.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.17 Kulindeleke ukuba batyale imithi✓✓/baza kuba nolwazi oluphangaleleyo ngendlela yokuzikhusela✓✓/baza kuqinisekisa ukuba iindawo abakha kuzo amanzi zikhuselekile✓✓/baza kufundisa nabanye.✓✓ (2)
- 1.1.18 UMphathiswa ngumntu obakhathaleleyo abantu✓✓/ubakhonzile abantu✓✓/unothando✓✓/uyawuthanda umsebenzi wakhe.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.19 Ayinakwenzeka loo nto✓/yinto engenakwenzeka leyo uncendo lusezandleni zethu.✓ (1)

1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2.1 C Umntu oguqileyo uyacenga✓/C✓/umntu oguqileyo uyacenga.✓ (1)
- 1.2.2 Ukucenga✓/ubonisa ukuzithoba.✓ (1)
- 1.2.3 Iyacinga.✓ (1)
- 1.2.4 Ibonisa ukungasamkeli kwayo isicelo.✓✓ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Uza kukhetha ikhondo ofuna ukulilandela wakupasa ibanga le-12. Wenza uphando ngemisebenzi yamapolisa, kuba unomdla kulo msebenzi.

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10

Ukwabiwa kwamanqaku olwimi–amagama:

- ❖ 1-3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- ❖ 4-5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- ❖ 6-7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

QAPHELA:

Nokuba isishwankathelo senziwe ngefomathi engeyiyo masihlolwe.

Ubalo lwamagama:

- Makungathatyathwa manqaku ukuba umvavanywa akalibekanga inani lamagama awasebenzisileyo okanye ubeke inani elingelilo.
- Ukuba inani lamagama elimiselweyo umvavanywa ugqithile kulo, funda kangangamagama ama-5 emva kwenani elimisiweyo uphele.
- Xa umlingwa ecaphule **izivakalisi ezipheleleyo** ngobunjalo bazo, unikwa amanqaku apheleleyo.

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronimi mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

IINGONGOMA EZISIXHENXE

- Ubupolisa bufuna ubugorha nokuwenza umsebenzi ngentliziyo ekhululekileyo.
- Alawula ukuhamba kweemoto nokuthotyelwa komthetho kooMasipala.
- Ngumsebenzi ohlonitshwayo nonqwenelwayo ngabantu abaninzi.
- Asebenzisana namapolisa ngokubancedisa ekubambeni izaphuli-mthetho.
- Banceda abantu kwiingxaki zabo.
- Aphatha imipu anxibe nevesti ezingangenwa mbumbulu.
- Ayancedisa xa kukho iingozi ezimasikizi ezindleleni.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

- 3.1 NguStarrex.✓ (1)
- 3.2 Khawuleza zimbalela eziseleyo.✓ (1)
- 3.3 Amantombazana nabafana ayajayiva✓✓/ulutsha luyajayiva.✓✓ (2)
- 3.4 Zenza unxibelelwano phakathi kwabantu✓/ukuba abantu bazonwabise ngomculo, ngeendaba nazo zonke izinto ezifumanekayo kwifowuni✓/yenza ukuba abantu bazi ngetekhnoloji nezinto ezifumanekayo.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 3.5 Esi sibhengezo sijoliswe kubantu abatsha, ✓ emfanekisweni kuboniswa abantu abatsha abangamantombazana nabafana.✓ (2)
- 3.6 Kufuneka abantu babone iselfowuni kakuhle le ithengiswayo✓✓/kuthengiswa iselfowuni.✓✓ (2)
- [10]**

UMBUZO 4

OKUBONWAYO: IKHATHUNI

- 4.1 Unesimbonono sehlabathi elitshatyalaliswayo yinkohlakalo yoluntu✓✓/kungokuba ngumxholo wale khathuni✓✓/ukuzikhathaza ngelizwe✓✓/iqulethe umyalezo wekhathuni.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi zingentla iya kwamkeleka.] (2)
- 4.2 Aliyiva nokuyiva le nto ithethwayo lixakeke zizinto zalo. ✓ (1)
- 4.3 Abonakala engamadoda axakeke zizinto zawo, akamlandeli lo mntu nangona ebonakalisa ukuba ayamva, zizityebi ezinxibe ngokufanayo.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.4 Ayimxabisanga lo uthethayo✓/ayinambeko✓/ayikhathali.✓ (1)
- 4.5 Akukho bantu bamhoyileyo✓✓/abantu abamlandeli baxakeke zizinto zabo✓✓/akanankxaso.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi zingentla iya kwamkeleka.] (2)
- 4.6 Umhlaba njengesibizo.✓ Ligeza njengesibanjalo.✓ (2)
- [10]**

UMBUZO 5

5.1 ITEKISI

- 5.1.1 Ixesha eladlulayo.✓ (1)
- 5.1.2 Entlanganisweni.✓ (1)
- 5.1.3 Sibonisa ukuba isenzi sikwimo elandulayo✓/imo elandulayo.✓ (1)
- 5.1.4 Utata uhlawulela unyana imoto.✓ (1)
- 5.1.5 B Sisiphawuli✓/B✓/sisiphawuli.✓ (1)
- 5.1.6 Utata uthe ukhetha ukuhlawula ngokwakhe.✓ (1)
- 5.1.7 Wathi uye asebenzise isilumkiso esiluqilima xa kungabhatalwanga.✓/uthi uye asebenzise isilumkiso esiluqilima xa kungabhatalwanga.✓ (1)
- 5.1.8 Bandifowunela kwakhona nangona ndiyibhatele imoto.✓ (1)
- 5.1.9 Isikrelemnqa.✓ (1)
- 5.1.10 Sikuhlobo lokuyalela/sisiyaleli.✓ (1)
- 5.1.11 Ndafunda loo mini ukuba ukuthenga ngetyala kuyaxoxisa.✓✓ (2)
- 5.1.12 Sibonisa isenzo esenziwa macala.✓✓ (2)

5.2 UMFANEKISO

- 5.2.1 Inkosikazi imi ngeenyawo?✓/ingaba inkosikazi imi ngeenyawo?✓ (1)
- 5.2.2 Iphephandaba lifundwa yindoda.✓ (1)
- 5.2.3 Thsu.✓ (1)
- 5.2.4 Ubumnyama baxa kucime umbane buyoyikeka.✓
Ubumnyama bebala lam ndiyazidla ngabo.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 5.2.5 Impendulo: A: Utata ufunda iphephandaba lakhe. Igatya eliyintloko✓
B: ngokuhlwa. Igatya elayamileyo. ✓ (1)
- [20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80